basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2016

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-25.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/Uncwadi LweMveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340-390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQULATHO SEPHEPHA LOVIWO:**

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: ISIHOBE** | | | |
| **Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.** | | | |
| 1. 'UProfesa AC Jordan' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Idompasi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Unxunguphalo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Afrika Likhaya' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Imfundo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. | | | |
| **ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 6. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | |
| 10. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| **ICANDELO C: IDRAMA** | | | |
| **Phendula umbuzo OMNYE.*** | | | |
| 12. *Amaza* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 23 |
| 15. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 23 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI EMIFUTSHANE.

## ITSHEKLISTI

Sebenzisa le tshekhlisti ukuqinisekisa ukuba uphendule inani elililo lemibuzo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **KUNYE** | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli noNcwadi lweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–11 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 12–15 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

## IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

## IMIBONGO EFUNDISIWEYO

## UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule uphendule umbuzo olandelayo.

**UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule**

Tarhuni nonke zingcali zesiXhosa,
Leqani equleni imimoya iyabhudla,
Balekani hleze kuvele imbalela
Lakufa ichanti kudakasa izabonkolo,
Yakufa inkuku amaqanda ayabola.
Kolunga sonke sibaleke sibonisane,
Mkhulu umthwalo osaza kuphakanyiswa.

Ithe iMerika namhla ivelelwe,
Yathi iAfrika ngoku ingoziwe,
Bazila kuTsolo ngosana lwabo,
Zoyika iingcaphephe zathi libekiwe,
Banxuba ooProfesa bathi liyajijwa.
Bekuyizolo oku sibulisa uJili,
UMatthews yena usala ukusithela.

Cazulula indlela esisetyenziswe ngayo isigama kwesi sicatshulwa sombongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama angama-190-240 (Iphepha elinye elinesiqingatha). **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IDOMPASI – N Gcali**

Yincwadana encinane ephethe igama,
Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,
Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,
Iveza umsebenzi ixele nomqeshi,
Isitampu sibonisa imfanelo,
Isitampu esigwenxa yijele,

Udompasi ongekhoyo yijele.
Impilo yabaninzi uyigqibile,
Ubomi bababaninzi ubuthathile,
Imizimba yabaninzi uyingxwelerhile,
Imizi yabaninzi uyichithile wena dompasi.
Ubethiwe umntu ubanjiwe umntu,
Waswela umntu walamba umntu,
Wabhaca umntu watshipha umntu,
Nguwe wena dompasi.
..................................................
Vum-vum-vu-uu-uuum-
Iyagquma ikhwela-khwela.
Ifuna bonke abophul' umthetho.
Basuka eNatali, basuka eFreyistata,
Bavela eCiskei, bavela eTranskei,
Kungenxa yakho dompasi.

Uphumile umthetho wabhengezwa,
Umemezela ukufa kwakho dompasi,
Namhlanje yimincili, namhlanje luvuyo,
Namhlanje lulonwabo, namhlanje luchwayito,
Kuba udompasi ufile wavuka u-I.D.
Watsho wanesidima umntw' endinguye.

2.1 Imbongi ibethelela eyiphi ingcinga ngokusebenzisa imvano-siqalo ngegama 'Yincwadana' kumqolo woku-1nowesi-2? (2)

2.2 Sifana njani isitanza soku-1 nesesi-3 ngokwesakhiwo? (2)

2.3 Ubenefuthe elinjani udompasi kwintlalo yabantu ngokwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.4 Myalezo mni odluliswa yimbongi ngodompasi kumqolo wama-24 ukuya kowama-26 kwesi sicatshulwa sombongo? (3)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNXUNGUPHALO – N Shasha**

Kuba ngasa liphalal'igazi lomAfrika,
Kuba ngahlwa agetyengw'elel'umnt'omnyama;
Liphalala kube lusizi kanye kwabokuzalwa,
Zininz'iinkedama zilile zade zakhedama;
Baninz'abahlolokazi bakhale de bancama;
Ndakujong'abomthonyama banxunguphele.

Iintshaba zibamokothis'inqatha bangquzulana,
Iintshaba zibanik'iqhosh'elingenamthunja;
babhideka belambile bade babulalana.
Ungangxola n'umzi kaPhalo yile ndyikityha,
Intlungu esikuyo yaziwa ngoPhezukonke,
Ndakujong'abomz'oNtsundu bayantywizisa.

Iintshaba zilw'imfazw'engenagama nabamsulwa,
Zim'ezindleleni zingene koololiwe zidubule;
Zibulal'abant'abalusizi besifa bengenazixhobo.
Babulawa belel'obentlomb'ezinkomponi nakoololiwe,
Umbon'olusizi igazi linge ngumjelo wamanzi;
Akukho mthetheleli banxunguphel'abe-Afrika.

3.1 Imbongi ibethelela eyiphi ingcinga ngokusebenzisa uchasaniso kumqolo woku-1 nowesi-2 'Kuba ngasa …, Kuba ngahlwa …'? (2)

3.2 Sifana njani isitanza soku-1 nesesi-2 ngokwesakhiwo? (2)

3.3 Kubenefuthe elinjani ukufika kwabaMhlophe kwintlalo yabantu baseAfrika ngokwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.4 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mhobe kumqolo wesi-6 nowe-12? (3)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AFRIKA LIKHAYA – W Shasha**

Kowu aphin' amadodana!
Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!
Intombi kabawo bayenzakalisile,
Izidlwengu zezidlamlilo.
Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,
Ngcango festile ziyalenga-lenga,
Sebekruthakruthe batyhoboza!
Rhuthu intong'am ndaphakamisa,
Yangen'imbumbulu bandosela.
Beza nomfundisi wathandaza,
Hlas'umkhont'am ndabibitheka:
Ndonda ngecabanga balambisa,
Yangen' imbumbulu bandosela.

Kunamhlanje nje ndodl' umngqakhwe;
Ndinkamankameka ndirhubuluza.
Eyesondlo ndoyibamba ndiyokuwa!
Kowu, aphin' amadodana?
Baphi-i n' abantwana bomthonyama?
Ntlambo zakowethu zintle,
Ziphinya-phinyela njengeNciba;
Kuz' iincegceya phezu kweendonga,
Nemingcunub' iyayokozela!
Mihle imilambo, zintle iintaba.

Ndogxek'iNciba noMzimkhulu
Ngokundigqinga ndingenzanga nto.
Ndoy'entlango ndibiz'iinkamela,
Zisele la manzi ziwafince.
Ndothath'imihlakulo ndidiliz'iintaba,
Ndidibe le milambo ndinyhanyhathe,
Nditsho nditabhate ndiphangalale?

4.1 Imbongi ibethelela eyiphi ingcinga kumqolo wesi-7? (2)

4.2 Sahluke njani isitanza sesi-2 nesesi-3 ngokwesakhiwo? (2)

4.3 Kubenefuthe elinjani ukufika kwabamhlophe kwintlalo yabantu baseAfrika ngokwesi sicatshulwa sombongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.4 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mhobe kumqolo wama-26 ukuya kowama-30? (3)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE)**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IKHAYA – LM Mda**

Nokuba lenziwe ngantoni lilo,
Nokuba ulibona lingakanani ikwalilo,
Nokuba umkile kulo, ubuya ililo,
Nokuba uyalicekisa lihlala lililo.

Wakhiwe wakhulela usakhelwa lona,
Lisisihombo nesivatho sakho lona,
Lingumkhuseli nomkhangeli wakho lona,
Lithande ulixabise, liyakuthanda lona.

Awungomkanja likhona nawe elakho,
Utshiphile wena walahla elakho,
Kanti liyakukhumbula kuba lelakho,
Yiza kulo kuba likhaya lakho.

Xa ndingamkeleki elizweni,
Xa ndingasafunwa esizweni,
Ndakujika ndikhombe umbombo ngemva,
Ndibhekise ngasekhaya ndiyafuneka.

Ndifika ndibungezelelwa zizinja,
Ndifika ndincunyelwe ngabatshana,
Ndive vumba limbi ndivuye,
Ndivuyelel ukuva iindaba zekhaya.
Kuxoxwa ezoxolo nditsho ndixole,
Ndixole ndixolele ukuxoka ndiqhula,
Sitsho sigigtheke sihlale sixolile,
Ngokufika sisonke kwakhona ekhaya.

5.1 Nika isafobe esifumaneka kumqolo wesi-6 uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (3)

5.2 Imbongi ibethelela eyiphi ingcinga ngokusebenzisa imvano-siphelo kwisitanza sesi-3? (2)

5.3 Sahluka njani isitanza soku-1 kwisitanza sesi-5 ngokwesakhiwo? (2)

5.4 Myalezo mni ofumaneka kulo mbongo ngekhaya? (3)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 11.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

## INOVELI

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Impumelelo isentabeni. Ngqina oku ngeziganeko ezikwincwadi ethi, *NYANA WAM! NYANA WAM!* ujonge kumlinganiswa onguThole.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340-390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

### UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Emva kweentsuku ezimbalwa efikile uMangaliso wahambela eBharagwana esiya kubona uThozama. Wamfikela esemsebenzini engamxelelanga ukuba uyeza, akaya nakwindlu yokulindela wangqala emsebenzini engalazi negumbi asebenza kulo ethembe ukuhamba ebuzisa. Wathi ukuba angene kwigumbi lokuqala lezigulana wee xhungu wonke umntu owayelapho wawaxhoma amehlo ewamilisela kulo mfundisi, ndithetha mna nesigulana sembala, okwaloo mzuzwana zanga neentlungu ziphelile kwizigulana ezazikwelo gumbi, zee qwa iintloko ngazinye. Abongikazi ababelapho basuka babethelwa luvalo.

'Ngumfundisi waphi lo?' yabuza enye intwazana engumongikazi kwisibini esasimi sirhawule itafile sicazulula uboya bokubopha izigulana.

'Andimazi,' yatsho enye itsiba isiya kuye.

'Ndingakunceda Mfundisi?' yatsho ibuza.

'Ndingavuya kakhulu nkosazana ukuba ungandazisa okanye undikhokelele kwigumbi elinomongikazi uThozama,' watsho lo mfo eyijongile le ntwazana ngobo buso buzele uncumo nelo lizwi lithambileyo lintama uxolo ewaphalisa amehlo egqiba lonke elo gumbi emana ukunqwala ngentloko ebulisa kwisigulana ngasinye esithe sahlangana naye ngamehlo.

'Kulungile mfundisi ndilandele,' yatsho le ntwazana imkhokela, iyeka naloo msebenzi yayiwenza.

Bathi besiya kuphuma emnyango lwaye lulukhulu usebezo phakathi kwezigulana ezazikwelo gumbi, zibuzana umbuzo omnye, 'Ngowaphi lo mfundisi?
Kwakungekho namnye owayemazi, ngoko ke nempendulo yayinye ingu, 'Andazi.'

Babengaqali abefundisi ukungena kwelo gumbi okanye esibhedlele ngokubanzi, babeqhelile ukuhambela amarhamente abo alele ngandletyana-nye kwiinkuko zokufa bezokwenza imithandazo benika imithendeleko. Ubukho babo babungazanga bathwalisa mehlo, kodwa lo, ubukho bakhe kwabatsho abantu bathwala amehlo ngokunga kumhla kwabonwa umfundisi. Andibagxeki wayefanelwe umntwana womntu bubufundisi bakhe, simfanele neso sinxibo ngathi sadalelwa kuye, ngenxa yobuso bakhe obabusoloko bukhululekile kwakusala ukuba ugqithe kuye ungakhange ukhe umilisele iliso, unqwenele nokunga ungakhe uthethe naye.

'Ubuso obu bakhe ngathi ndakha ndambona,' satsho esinye isigulana simjongile esiya kuphuma emnyango. Unjalo umntu olusu luhle, ungazange umbone nje, usuka aqheleke emehlweni.

'Inene ukuba lo ukhe abenze ububi, uzazi yena. Ufele olu lwakhe luntama ubunyulu.'
…

[Isahluko 9]

7.1 Kubenafuthe lini ukufika kukaMangaliso kwisibhedlele saseBharagwana? (2)

7.2 'Wathi ukuba angene kwigumbi lokuqala lezigulana uMangaliso wee xhungu wonke umntu owayelapho …' (kumgca 4–5)

Sizathu sini esasibangela oko ngokwesicatshulwa? (2)

7.3 'Ndingavuya kakhulu nkosazana ukuba ungandazisa okanye undikhokelele kwigumbi elinomongikazi uThozama, …' (kumgca 13–14)

Imveza njengomntu onjani uMangaliso indlela athetha ngayo nonesi? Xhasa impendulo yakho. (3)

7.4 'Andibagxeki wayefanelwe umntwana womntu bubufundisi bakhe, simfanele neso sinxibo ngathi sadalelwa kuye, …' (kumgca 27–28)

Nika iziganeko EZIBINI apho umbhali athe wamqaqambisa khona uMangaliso ngaphandle kwezi zikwesi sicatshulwa. (2)

7.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Bacinga ukuba kuyaliwa bangangatsiba bezama ukunqanda babuya babona ukuba akuliwa. Bafana bee nxokotho bema bexakiwe ukuba bathini na. Waye umfazana egqiba indlu esitsho ngesimbonono sesikhalo. Ubengasuka ebuza umfundisi waseTshetshi nenkosikazi yakhe, 'Yintoni? Yintoni?' Bexakiwe ukuba babambe wuphi bayeke wuphi kwesi sithathu, ayabikho impendulo, suka kwagunya isikhalo. Emva kwethuba babonakala beyekana ababegonene. Ezinyhididi enjalo amehlo ziinyembezi kuMangaliso wabonakala eguqukela kumfundisi waseTshetshi nenkosikazi yakhe esithi, 'Hayi, Mfundisi, singanothusi isikhalo enisivayo. Akufanga mntu, kungafikanga mbiko. Isikhalo enisivayo sisikhalo sovuyo. Iinyembezi enizibonayo kum ziinyembezi zovuyo. Indoda endizalayo ndayigqibela ndilusana. Bendingasayazi nayo ingasandazi.

Saphela isikhalo kubo bonke endlwini. Yaqala indod' enkulu uKhohlela, into kaNgubombi, yalichaza ibali lokulahleka konyana wayo, ichazela abo babengalazi, iliqala ekuqaleni njengoko sesilivile, ilichaza ngokunga yinto ebisenzeka izolo noxa kwakuse kuyiminyaka yenzekayo. Kukodwa ukubalisa ngokuzalwa kwalo mntwana nezigigaba ezenzekayo ukuze athiywe amagama ooZanenkanyamba nooChasabelungu, nohlobo akhule ngalo ukuze azokuba nguTholelegqwirha, into ke leyo eyabetha bonke ababelimamele bee ng'a imilomo kwanga kwenziwa intsomi. Watsho echaza nephupha awaliphuphayo ukulahleka komntwana wakhe. Ukuthi elele aphuphe egula suka egula njalo angene uZanenkanyamba eludlwabevu lwegqirha efake ezimhlophe aqukeze akhande amnyange aphile.

[Isahluko 11]

7.6 'Bacinga ukuba kuyaliwa bangangatsiba bezama ukunqanda …' (kumgca 1)

Yintoni unobangela woku kuthandabuza kukulo mgca? (2)

7.7 '… suka kwagunya isikhalo.' (kumgca 5)

Savuselela eyiphi ingcinga isikhalo esasiphuma kusapho lakwaMkwayi kubantu bebandla lamaTshetshi? (2)

7.8 'Isikhalo enisivayo sisikhalo sovuyo. Iinyembezi enizibonayo kum ziinyembezi zovuyo.' (kumgca 9–10)

Kutheni uMangaliso ewaphinda la mazwi? (2)

7.9 '… yalichaza ibali lokulahleka konyana wayo, ichazela abo babengalazi, …' (kumgca 12)

Nika iimpawu EZIMBINI ezaba sisiqinisekiso sokuba ngenene uMkwayi nguyise kaMangaliso bakuba bedibene. (2)

7.10 '… angene uZanenkanyamba eludlwabevu lwegqirha efake ezimhlophe …' (kumgca 19–20)

Chaza ngomqondiso weli phupha likaMkwayi ngexesha uThole eseKnysna. (2)

7.11 'UMkwayi udibana noThole sele engumfundisi ngokwesi sicatshulwa'

Phuhlisa isigqebelo ngokwendlela uFikizolo awayembona ngayo uThole ngexesha ebuya eKnysna efuna ukubuyela esikolweni. (3)

**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Impumelelo isentabeni. Ngqina oku ngeziganeko ezikwincwadi ethi, *UKHOZI OLUMAPHIKO* ujonge kumlinganiswa onguMfazwe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340-390 (2 – 2 ½ amaphepha). **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

Hayi, andenzanga nto.' Yabuya impendulo seyingcangcazela kakade.

'Ngubani ebethe wenze ntoni?' Ndajika kancinci ndawathi tshe eze ngomva, sengathi aza kumdla ngamazinyo lowo ayembiza, loo nto impi le ithethela phezulu.

'Ndiyabona ulaqaza gqitha. Akukhange ubone indoda ende ephothe iinwele ngathi ngumfazi.' Yabuya impendulo ikhawulezile isithi, hayi.

'Ubuza kumbona njani uqhunywe nokuqhunywa nje? Iphi idompasi yakho?' wathi esathi ikho isezimpahleni kwibhasi enguzibani, wabe erhuqwa ekhonkxwa, naako kusimkiwa naye. Thina sashiyeka sithe shwace, cwaka, kungekho noncwinayo.

'NdinguNcibane mna mnt' omkhulu,' Ndatsho ndibeka phantsi isiqhuma sempahla, xibilili idyasi eyayiphantse ukundinqumla umphefumlo ngevumba lomsi necuba, ndamnika. Wothuka ngathi ebelele umfo omkhulu, utywala sebuphele tu entloko.

Ndithe ndizama ukumthethisa wathula wathi cwaka, wathatha iimpahla zakhe. Amazwi abulelayo nabulelela yena avela macalana onke. Bavela babaninzi nooCirha ngoku phakathi kwaloo mpi, nabanye abendisele iintombi zabo emaCirheni. Kanene amaXhosa ngokuthanda ukuzalana, ndacinga ndenjenjalo.

Emva kwethutyana amapolisa eye kutshonela, ndiyalele umhlobo wam wedyasi owayengasathethi ngoku ukuba makagcine indawo yam, ndiyabuya, gwiqi ndahamba ndajongisa amabombo ngasesitishini. Xa ndithe qelele kubo ekubeni ndiwuthulile umnqwazi, ndive omnye ebuza ukuba asinguye na lo mfo ufunwa ngamapolisa na lo, ndabe ndiqonda ukuba ukhombe kum. Kunani ukujika, chuu ndingangxamanga, galakangqa esitishini, ndalinda endaweni esabusethunzini.

[Isahluko 6]

9.1 '… wabe erhuqwa ekhonkxwa, naako kusimkiwa naye.' (kumgca 7–8)

Xela ifuthe lesenzo samapolisa kubantu abasesikhululweni sebhasi? (2)

9.2 'Ndatsho ndibeka phantsi isiqhuma sempahla …' (kumgca 9)

Sizathu sini esabangela ukuba uMfazwe athabathe ezi mpahla kuthethwa ngazo kwisicatshulwa? (2)

9.3 'Kanene amaXhosa ngokuthanda ukuzalana …' (kumgca 14–15)

Liwaveza njengabantu abanjani amaXhosa eli binzana? Xhasa impendulo yakho. (3)

9.4 '… chuu ndingangxamanga, galakangqa esitishini, … (kumgca 20–21)

Buchule buni obusetyenziswe nguMfazwe ukuzindisa ekubanjweni ngamapolisa ngexesha asesikhululweni sikaloliwe ngokwesi sicatshulwa? (3)

9.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

Emva koku kwathi cwaka oku kusisithukuthezi abaninzi bacezela phaya kum. Kwakunzima nokuba kubekho ondijongayo. Ndiya kuthi ukuba ndivele bekuthethwa kuthiwe cwaka ndide ndigqithe.

Ukuba ibisisiqhu sithe xhonxhosholo, ukuvela nje kwam siya kuchithakala saa okweegusha zidunga-dungwa nguSebekho inja yabakhwetha. Ayindikhathazanga nganto ukuqala kwayo le nto, kodwa ithe imini iphela ndabe sendithe rhubaxa. Ndizokukhathazeka ngakumbi ndakuqaphela ukuba okoko kuthe kwenzeka laa ngxabano noKhonjwayo, akukho mntu ukhe weza kuncokola, nokuza kubika ukuba kuqhubeka ntoni na ngoKhonjwayo. Kwathi kanti andikaboni nto kuba ndithe ndisahleli ndeva kuhewulwa ngokungathi kuqhiwulwa igeza. Yayililo ngenene.

UKhonjwayo wayeleli liqhawula iintambo. Wayehamba ze njengoko wazalwa, ebaleka egqiba inkampu le. Mna ke mntu uwaziyo amageza, ndambona ndingamxelelwanga ukuba zimshiyile umfo omkhulu. Ube esithi akubanjwa abavuthulule abantu ngathi ziintakumbana. Apha ekubalekeni uhambe etyhobeka, ebetheka esiwa, asuka ngoku amaqabane ambaleka, wangena wawaleqa, hayi ke yanguloo mbhodamo. Ndizokubizwa nguThembekile noSiphiwo xa kanye ndimana ukuthandabuza ukuba ndenze ntoni na ukunceda.

'*Comrade*, sixakiwe ngoku, ithiwani into xa inje?'
Ngaloo mazwi andinyanzela ukuba ndijingxele ndiye ngakwicala elinoKhonjwayo. Ndifike umfo omkhulu evungama egragrama okwenkunzi yengada evalelwe zizinja. Ndamkhwaza kwakanye, 'Khonjwayo', kwenzeka isimanga.

[Isahluko 10]

9.6 'Emva koku kwathi cwaka oku kusisithukuthezi abaninzi bacezela phaya kum.' (kumgca 1)

Cacisa ngonobangela wokuba kwenzeke oku. (3)

9.7 '… ukuvela nje kwam siya kuchithakala saa okweegusha …' (kumgca 4–5)

Kuvuselela eyiphi ingcinga ukungafunwa kukaMfazwe ngamaqabane ngokwesicatshulwa? (2)

9.8 'Ndizokubizwa nguThembekile noSiphiwo xa kanye ndimana ukuthandabuza ukuba ndenze ntoni na ukunceda.' (kumgca 16–17)

Chaza ngobudlelwane obuphakathi kukaMfazwe, uThembekile noSiphiwo. (2)

9.9 'Ndamkhwaza kwakanye, "Khonjwayo", kwenzeka isimanga.' (kumgca 21)

Sesiphi esi simanga kuthethwa ngaso? (2)

9.10 'UMfazwe ubizwa Comrade ngokwesi sicatshulwa.'

Phuhlisa isigqebelo ngokwendlela uMfazwe ebefudula esaziwa ngayo kwezopolitiko kuQaka. (3)
**[25]**

**OKANYE**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVEL* – MMI Nabanye**

**'UMVUNDLA NENGONYAMA'**

Hlalutya intsomi esihloko sithi 'UMvundla neNgonyama' ngokwala manqanaba alandelayo:

Intshayelelo
Isidingo
Isisombululo
Isiphelo
Imfundiso

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVEL* – MMI Nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA E

**'INTSOMI KADELI NODELIWE'**

Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli, uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. Wahamba, wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna ukuba uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa waba nesingqala. Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinane lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe!' Wathula uDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uza kusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe, Deliwe!' Wancuma uDeliwe waphendula, 'Ndiyeva ukuba uyandibiza kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba ndithi, 'hi-i-i, ndibengathi andinambeko'
'Uhlalele ntoni kalusizi kwaNti?' labuza ilizwi.
'Ndithunywe ngumakhulu ngaphaya kwezaa ntaba, ndililolo, le ndlela inde inamaqhina iyandiqoba, ndandikade ndingayiva kuba umnakwethu uDeli wayedla ngokundikhapha, sihambe sincokola, sihleka intsini, sileqaleqane sizibone sesifikile. Ngoku udiniwe ndim akafuni nokundibona, ndiyintlekisa kuye ngenxa yesifombo sam, nabazali bam abandithandi basoloko bendinyhukula nangento njee encinci. Ndisisigculelo sokuxelelwa ukuba andizalwa naye, andisathethi ngabantu elalini, abafuni nokundibona. Xa kuyothezwa ndihamba ndedwa, ndicwezele kwabanye kuba abandifuni. Xa kusiyiwa emlanjeni ndihambela kude nabanye. Sendazikhethela ukuya ngomsobomvu bengekayi abanye abantu okanye ndiye ngokuhlwa, yiyo nale nto ndibhontebhonte zizilonda ndisolwa ngumlambo.

Lingatshona ilanga ndikubalisela ngentlungu yobukheswa bam. Undibona ndihleli apha nje yiloo nto, kodwa ndiza kungcambaza ndide ndifike kulomama,' waphendula uDeliwe. Laphinda lavakala ilizwi lisithi, 'Yaza yabuhlungu le nto uyithethayo mntan' omntu. Ndingakunceda ukuba uyalufuna uncedo lwam.'

Waphendula ngokukhawuleza uDeliwe esithi, 'Ndiyalufuna uncedo lwakho, ndiyafuna ukuthandwa ngabantu, ngakumbi endingazange ndibenze nto, bonke aba bandicaphukelayo andizange ndibenze nto. Ndincede mntan' omntu.' 'Uyabona ke, sukume kule ndawo uhleli kuyo unyuke laa ntaba iyeyona inde kunezinye, uyincekelele kuba akululanga ukuyiqabela**.** Baninzi abanye endiye ndibacebise ukuba bayihambe le ndlela ukuze bancedakale. Abanye bayayihamba zisombululeke iingxaki zabo. Abanye bayoyisakala bajike endleleni. Ukuba usentlungwini ngenene uya kunyamezela. Ekunyamezeleni mkhulu umvuzo.' Waqhuba emyala njalo lo mntu. Wamxelela ukuba akufika encochoyini wolufumana uncedo. Phela phela ngantsomi.

[Icandelo 2, Intsomi 22]

11.1 Xela unobangela wokuba amagama uDeli noDeliwe abe bufana ngokwesicatshulwa? (2)

11.2 '… uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye …' (kumgca 2–3)

Sisityhilela ntoni isenzo sikaDeli sokwala ukukhapha uDeliwe ngaye? Xhasa impendulo yakho. (3)

11.3 'Xa kuyothezwa ndihamba ndedwa, ndicwezele kwabanye kuba abandifuni.' (kumgca 21–22)

Yeyiphi ingcinga evuselelwa ngumbalisi kulo mgca? (2)

11.4 '… kodwa ndiza kungcambaza ndide ndifike kulomama, …' (kumgca 26)

Imncede njani uDeliwe into yokuthunywa kwakhe yedwa kulomama wakhe? (2)

11.5 Mfundiso ni efumaneka kwesi sicatshulwa sentsomi ngoDeliwe? (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

**ENKOSI STEVE BIKO: ESINGEQHAWE**

A! Mzantsi-Afrika!
Nalo ke ilizwe lethu Mzantsi-Afrika.
Nalo ke ikhaya lethu Mzantsi-Afrika.
Nantso ke indawo yethu yokubalekela, Mzantsi-Afrika.
Nantso ke indawo yethu yokulilela, Mzantsi-Afrika
Namhlanje sithi yeyethu kuba asilwele amathandazwe.
Namhlanje sithi yeyethu kuba basilwele ooNokwindla.
OomGcina, ooTyhopho, ooXhamela, lowo ke nguSteve Biko.
A! Mzantsi-Afrika!

A! Mzantsi-Afrika!
Hayi ! Hayi ! Ndiyayithanda le ndoda andizenzi
Ndizibuz' umbuz' umhla nezolo, 'kutheni na?'
Andizange ndambona mos, ndimbon' emifanekisweni!
Kaloku le nt' ingumzabalazo ndizelwe seyisecicini
Yena ke ebesele emnabel' uqaqaqa.
Oooooo! Ndiyasibona ke ngoku isizathu.
Yile mfundo ingakhethe bani, zezi zikolo zingakhethe bani.
A! Mzantsi-Afrika!

[Icandelo 3, Isibongo 19]

11.6 Zeziphi iimpawu ezi-2 zesibongo ezifumaneka kwesi sicatshulwa sesihobe? (2)

11.7 Yintoni injongo yokuba imbongi iphindaphinde isikhahlelo, A! Mzantsi-Afrika!? (2)

11.8 Phawula ngokuthethwa yimbongi kumqolo wesi-6 nowesi-7. (2)

11.9 Ntsingiselo ni ephuhliswa yimbongi kumqolo we-17? (2)

11.10 Uthini umxholo wesi sicatshulwa sesihobe? (3)

11.11 Unjani umoya wembongi kwesi sicatshulwa sesihobe? Xhasa impendulo yakho. (3)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 12 ukuya kumbuzo 15.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***AMAZA* – ZS Qangule**

UNamhla waphumelela kwiinjongo zakhe zokungahlukani noLizo. Xhasa olu luvo ngeziganeko ezikule ncwadi ithi *AMAZA.*

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340-390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

### UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

| | |
|---|---|
| MADLAMINI: | Tyhini bafazi bomsimbithi!<br>Kanti Namhla uyasela? |
| NAMHLA: | Nasecubeni ndiyafika. |
| MADLAMINI: | Kanene utywala nibuthwalise indwe kuba nisithi bugxotha iintlupheko! |
| NAMHLA: | Akuboni wena iinkanti zixhaswa kangaka? |
| MADLAMINI: | Yho! |
| NAMHLA: | Yiyo le nto thina mantombazana sigila imikhuba. |
| MADLAMINI: | He Namhla, ucinga ukuba uthetha nabani? |

NAMHLA: Nomfazi nje welali.

MADLAMINI: Uthi akuphambananga?

NAMHLA: Makube lufuzo.

MADLAMINI: (*Emqhwaba, emtsala ngenwele)* Gqwirhakazindini! Ucinga uthetha nabani?

NAMHLA: Igqwirha laziwa ligqwirha.

MADLAMINI: *(Emphakamisa kwakhona)* Akunazo neentloni!

NAMHLA: Akunayo nemfobe!

MADLAMINI: Kubuhlungu ukungazali uzele.

NAMHLA: *(Ekhala kabuhlungu)* Kubuhlungu ukungazalwa uzelwe!

MADLAMINI: Uthi usezingqondweni nje?

NAMHLA: Ndizoxuthwe zizenzo zakho.

MADLAMINI: (*Ekhomba isisu sikaNamhla)* Hlazo lini eli?

NAMHLA: Soze ndibe manyonywana ngulo mntwana, ulihlazo kuwe, uliqhayiya kum; Kuni usisiqalekiso, kuthi ulithamsanqeliso.

MADLAMINI: Na … Na … Namhla!

NAMHLA: Lo mntwana sisithintelo seenjongo ezimbi, likhonkco lam noLizo, ngumchancatho wenkululeko.

MADLAMINI: Khawuthi cwaka, zola. Yithi tu. Ubundlobongela abuzange buncede mntu.

NAMHLA: Igusha yafa ithule.

MADLAMINI: Sisimanga, inene sisimanga! *(Kungena uNodabephi)*

NODABEPHI: Uth' utat' uBhele khawulezani, kudala befikile abantu.

NAMHLA: Nam ndiyafunwa?

NODABEPHI: Ndize kuphuthuma wena apha.

NAMHLA: Khawutsho ke Nodabephi, khawulikhuphe, ndiza kukhutshwa embizeni ndilahlwe emlilweni?

MADLAMINI: Kutsho bani?

NAMHLA: Kutsho mna.

[Indima 3, umboniso 3]

13.1 'Kanti Namhla uyasela?' (kumgca 2)

Kwenzeke ntoni uMaDlamini wabuza lo mbuzo kuNamhla? (2)

13.2 '… likhonkco lam noLizo, ngumchancatho wenkululeko.' (kumgca 25–26)

Ngqina ngeziganeko ezithe zenzeka usukela kula mazwi kaNamhla ubonise ukuba isiko lokubonelwa laphelelwa ngamazinyo. (3)

13.3 'Ndiza kukhutshwa embizeni ndilahlwe emlilweni.' (kumgca 34–35)

Phawula ngokwenzekileyo ukuze uNamhla athethe la mazwi. (2)

13.4 Loluphi udidi lwempixano oluphakathi kukaNamhla noMaDlamini ngokwesicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

13.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| MANDABA: | Ndithe nje ukuba ndimxelele ngesiko uMamBhele, kwathi kanti ndiyinyathele kuzwane olunochwane. Uthi ukuba unokutshata nomnye woonyana, Kumhla ichanti lingaphuma lothe ilanga. |
| PHATHUMZI: | Ndandithe isifundiswakazi siyingozi! |
| WELISILE: | Asingomfazi lo! Umfi wamungunya intlaka efuna ubusi, waselekhumathela esithi luncuthu. |
| NGXELELO: | Wayefuna ifuthe lokhanyo unyana wam. |
| PHATHUMZI: | Ibhabhathane lazitshisa esibaneni lifuna oku kukhanyandini! |
| THOZAMILE: | Luthini uluvo lwamaBhele ngale nto? |
| NGXELELO: | Oonokrawuzana bathi amaBhele azizibhaxa ezibini: Izifundiswa zithi makayekwe uMamBhele azibonele, Abengubo bona bathi isiko liyaziwa. |
| WELISILE: | Kuthe kanti sinabancedisi. |
| PHATHUMZI: | Ungatsho mfondini zisekho izifundiswa, mna ndiyaboyika abo bantu! Sakuphoswa kwamantyi singaqondanga. |
| WELISILE: | Umantyi ngokwakhe uyalazi isiko. |
| PHATHUMZI: | Utsho na? |
| NGXELELO: | Makhe siyiyeke leyo madoda, esingayisa kumantyi ngaphandle koloyiko yile yokuba uMamBhele uthwele umgqakhwe! |

PHATHUMZI: Bendiba loo nto bubuxoki!

WELISILE: Ezinjalo iindaba andizikholelwa, ngeze ndizibhale nasentlabathini!

MZABALAZI: Yinene leyo MaNdaba?

MANDABA: Engaxutywanga Cirha. Ligqwirha lo mfazana.

MZABALAZI: Igqwirha mna ndithi maliyekwe kuba lakusizalela amanye! Nokuba siyamthanda, nithi mabenze ntoni uDuma noLunga ngokhuko lukawonke-wonke?

WELISILE: Ngubani yena lo mfana?

MANDABA Ngumfana kaVaxa, uLizo.

WELISILE: Ngowaphi?

MANDABA: Ngowaphaya emMangweni, ufika ngeempela-veki, usebenza eBhayi.

PHATHUMZI**:** Oo! Ndiyamazi, asingomntu lowo! Unolwatsaka lwabantwana kule lali. Yenzeke njani into yokuza kwalo mfana ekhona uMaNdaba noCirha lo?

[Indima 4, umboniso 2]

13.6 '… kuzwane, olunochwane … ichanti lingaphuma lothe ilanga' (kumgca 2–3)

Isityhilela ntoni le ntetho kaMaNdaba ngendlela uNamhla alibona ngayo isiko? (2)

13.7 Xela unobangela wokudibana kwamaCirha ngokwesicatshulwa. (2)

13.8 '... uMamBhele uthwele umgqakhwe!' (kumgca 19)

Bonisa indlela uNamhla abahlazise ngayo abazali bakhe ngokwala mazwi kaNgxelelo. (2)

13.9 'Nithi mabenze ntoni uDuma noLunga ngokhuko lukawonke-wonke?' (kumgca 25–26)

Cacisa ngonobangela wokuba uMzabalazi athethe ngolu hlobo. (3)

13.10 'Unolwatsaka lwabantwana kule lali.' (kumgca 31–32)

Ngcinga ni evuselelwa ngumbhali ngale ntetho kaPhathumzi ngoLizo? (3)

**[25]**

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

UMaqoma waphumelela kwiinjongo zakhe zokuthintela ukubhunyulwa kwemihlaba yooyise ngabantu abaMhlophe. Xhasa olu luvo ngeziganeko ezikule ncwadi ithi *A-a-a! JONGUMSOBOMVU!*

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha). **[25]**

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| CHIZAMA: | Awu madoda! Alizange lifunge lenjenjalo eli xhego ngaphandle kwesizathu. Khawutsho Baw'uNtlane. Kwasuka kwathini? |
| MNTLANE: | Beba ingqondo yomfazi wakuthi. Ndixakene noNowayithini phaya kokwethu. Bamncamile abanye aba abafazi bam, sendide ndathumela nakowabo ukuya kubika esi sishiqi somfazi owexulwe iingqondo zezi mfundiso zabaya bantu. Senomkhwa ngoku wokungafuni kusila nalapha phakathi kwekhaya. Kule ifileyo, kude kwafuneka ukuba ndisebenzise umqoqwa kwimazi eseyikhule kangakaya. |
| XHOXHO: | Hayi, bo, Baw' uNtlane! |
| MNTLANE: | Ubugqwangu ndikhule ndibususa ngegwangqa mna. Alikho elinye ikhubalo. Akukhathaliseki nokuba sowukhule wakule ntanga ndikuyo, kukhona baya kuqonda nabancinci ukuba ingqiqo eyiyo iyalondolozwa nasekukhuleni. Ngokwenjenjalo baya kufunda. Abantu abarhogola konke ukungcola kwemimoya emdaka kufuneka nibakhawulezele ngoku babuyisela emgaqweni kusakhanya Mhlekazi. Wayenjalo ke uyihlo esesemandleni. *(Kufika umfundisi uKondile noMatshaya)* |
| MATSHAYA: | Bayethe Vulisandla! Bayethe Vulisandla! |
| BONKE : | Bayethe Vulisandla! Bayethe Vulisandla! |
| CHIZAMA: | Ningachopha phaya bafondini. *(Walatha ecaleni kwexhego uNtlane)* |
| MNTLANE: | Chizama mfondini, khawubuz' impilo kula Madoda. |
| CHIZAMA: | Ndiyabulela Baw' uNtlane ngelo gunya. A! Vulisandla! He! Andazi ke nokuba ndiyelama kusini na? Khawutsho Mpevu mfondini, injani imvuko? |

| | |
|---|---|
| MATSHAYA: | A! Vulisandla! Sivukile Chizama mfondini. Njengabajikelezi sifanele ukubulela Ophez' konke ngokusithwala imihla nezolo kumsebenzi omhle kangaka waKhe wokususa ubumnyama ebantwini sifake ukhanyiso lwaKhe. Niphila njani ke phofu nina apha Komkhulu? Usaphilile umntwan' enkosi? |
| | [Indima 1, umboniso 1] |

15.1 '… somfazi owexulwe iingqondo …' (kumgca 5)

Kwenzeke ntoni uMNtlane wathetha ngolu hlobo ngoNowayithini? (2)

15.2 *'(Kufika umfundisi uKondile noMatshaya)'* (kumgca 16)

Nika izizathu zibe-2 zokusetyenziswa kwamagama akwizibiyeli kwesi sicatshulwa. (2)

15.3 'Bayethe Vulisandla! Bayethe Vulisandla!' (kumgca 17–18)

Cacisa indlela ekufaneleke ngayo ukusetyenziswa kwesikhahlelo ngokwesimo sentlalo kwesi sicatshulwa. (2)

15.4 'Njengabajikelezi sifanele ukubulela Ophez' konke ngokusithwala imihla nezolo …' (kumgca 24–25)

Ingaba isityhilela ntoni le ntetho kaMatshaya ngaye? (2)

15.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali kule ndawo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| HOGU: | Tyhini! Ndiboniswa icebo ngoku. Masixhele inkomo komnye wemizi esamkelayo, ze bathi nje bakufika abantu beziyunguma, sibashumayeze iiNdaba eziLungileyo. |
| KONDILE: | Licebo elo. Sinokupheka kakuhle apho siphathele nabantwana iilekese ezimnandi kunye nempahla enxitywayo. Loo msebenzi masiwubekele lo Mgqibelo uzayo. |
| DONGA: | Ndiyayithanda ke le yokubanika abantu izipho. Ndibone kulaa nkosana yabaThembu. Uthe nje ukuba uRufus akhuphe eziya zipho, yasithakazelela ngakumbi iyalela ukuba masiphathwe kakuhle kwaye siyinikwe yonke into esiyifunayo. |
| PHALAZA: | Ndiyaniva bazalwana, kodwa ke niya kuyinika gama lini loo nkomo? Khona, njengokuba imicimbi ihamba notshevulana nje, niza kumenza? |
| KONDILE: | Cacisa mzalwana, le mibuzo yakho ayivakali. |

PHALAZA: Mfundisi, iphelele apho kunjalo nje andiyigqwagqwanga le mibuzo. La madoda ayayiqonda wona. Makakuchazele.

HOGU: Kaloku mfundisi igama le nkomo lithetha isizathu sokuxhelwa kwayo. Akayityi amaXhosa inkomo engenasizathu sokuxhelwa, hleze kuthi kanti loo mntu uxhelela inyoka yakhe, kungenjalo abe uyibile. Kananjalo, ayityiwa nje inkomo kungathotywa ngomqombothi, umabil' ebanda. Into ke ngoku efunekayo kukuba sithiye le nkomo igama.

KONDILE: Hayi siza kuba nengxaki ke ngoku. Nithi inkomo le siza kuyixhela masibaxelele abantu isizathu sokuyixhela? Phofu ayinamsebenzi leyo kuba singathi yinkomo yetheko lokufika kwabefundisi kweli lizwe. Kodwa le yotywala into yona asinakuyenza konke-konke. Kunganjani xa sibaxelela ukuba thina sothoba ngesiselo esibandayo? Kunjalo nje ndingabenzela ngokwam ijinja yodidi oluphezulu yamaSkotshi.

[Indima 3, umboniso 3]

15.6 'Masixhele inkomo komnye wemizi esamkelayo …' (kumgca 1-2)

Yintoni eyona njongo yokuxhelelwa kwabantu inkomo ngokwesicatshulwa? (2)

15.7 '… iyalela ukuba masiphathwe kakuhle kwaye siyinikwe yonke into esiyifunayo.' (kumgca 9–10)

Yeyiphi ingcinga evuselelwa leli binzana ngeenkosi? (2)

15.8 '… Khona, njengokuba imicimbi ihamba notshevulana nje, niza kumenza?' (kumgca 12–13)

Lisivezela eyiphi imbono eli binzana ngabalinganiswa abakwesi sicatshulwa? (2)

15.9 'Kodwa le yotywala into yona asinakuyenza konke-konke …' (kumgca 25)

Sizathu sini esibangela ukuba uKondile abhebhethe xa kuthethwa ngotywala? (2)

15.10 Tyhila isimo sentlalo esivezwa ngumbhali kwesi sicatshulwa? (3)

15.11 Ngqina ngeziganeko ezithathu ezilapha encwadini ukuba ukufika kweVangeli kweza notshintsho kumhlaba kaMaqoma? (3)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha